INCWADI YOKUFUNDISA

ngokwecandelo 14 loMthetho weNkuthazo yokuFikelela uLwazi (Promotion of Access to Information Act), no. 2 wama-2000 (uMthetho okanye i-PAIA)

I-South African National Biodiversity Institute (SANBI)

- I-SANBI yasekwa phantsi koLawulo lweSizwe lokusiNgqongileyo:uMthetho weeNtlobontlobo zeziPhili (National Environmental Management: Biodiversity Act), no. 10 wama-2004. Yandisa umyalelo we-National Botanical Institute ukuquka iimfanelo eziphathelele kwiintlobontlobo ngokupheleleyo zezilo nezihluma zaseMzantsi Afrika, yaye yakhela phezu kweenkqubo ezihlonelwayo zolondolozo, uphando, imfundo neenkonzo zomtyeleli eziphuhliswe yi-National Botanical Institute nabanduleli bayo kwinkulungwane egqithileyo.
- Ngokolawulo lwezimali, i-SANBI idweliswe kuluhlu njengeZiko eliKhoyo leSizwe leShedyuli 3A (Schedule 3A Public Entity) phantsi koMthetho woLawulo lweziMali weSizwe (Public Finance Management Act).
- Imisebenzi ye-SANBI iqulethwe kuMthetho we-National Environmental Management Biodiversity Act no. 10 wama-2004 (inqaku 11, imisebenzi).
- Ubuthunywa be-SANBI bobu: Ukukhuthaza uphononongo, ulondolozo, intsebenziso ezinzileyo, ukuxabisa nokonwabela ubutyebi obukhethekileyo baseMzantsi Afrika babantu bonke beentlobontlobo zeziphili.
- Iinkalo ezingundoqo zomsebenzi: Iinkalo ezingundoqo zomsebenzi we-SANBI zibonakaliswe kumasebe amabini amakhulu ombutho aquka i-Biodiversity Research and Knowledge management; kunye ne-Corporate, Estate and Finance Management. Zingashwankathelwa ngolu hlobo:
  - Uphando, ukubeka iso nokuhlola iinkqubo neentsongelo zeentlobontlobo zeziphili, kuquka utshintsho lwemozulu.
  - Ukulungelelanisa uLawulo nofikelelo loLwazi lweeNtlobontlobo zeziPhili.
  - Ukulungelelanisa iinkqubo zokukhusela, ukuhlaziya nokunciphisa ilahleko yekhaya lendalo lesizwe leziphili neenkqubo zeziphili ezisongelweyo.
  - Ukuphucula umgaqo-nkqubo wengcebiso esekelwe kwinzululwazi.
  - Ukulawula uthungelwano lwezitiya zolondolozo (izitiya zesizwe zenzululwazi yezityalo/ zebhotani).
  - Ukuqhuba uphuhliso olukhulu loluntu, lwemfundo nokuqonda ngokuphathelele kwigunya le-SANBI.
  - Ukuzalisekisa iindlela neenkqubo ezinesiqhamo zokuxhasa iimpumelelo zegunya.

Iinkcukacha zoqhagamshelwano zeGosa loKwazisa ngokwe-PAIA: Gqr. M. Rampedi

Idilesi yeNdawo	South African National Biodiversity Institute; Biodiversity Centre; 2 Cussonia Avenue, Brumeria, Pretoria, 0001.
Idilesi yePosi	Private Bag X101, Pretoria, 0001
Inombolo yefoni	(021) 843 52200
Inombolo yefeksi	(012) 843 5087
Umntu woqhagamshelwano	Nksz. Nokuthula Molefe (iOfisi yeGosa loPhumezo eliyiNtloko)
Idilesi ye-imeyile	M.Rampedi@sanbi.org.za
Isiza se-inthanethi/idilesi ye-website	http://www.sanbi.org

Iinkcukacha zoqhagamshelwano zeSekela leGosa loKwazisa ngokwe-PAIA: Mnu. J.M. van Zyl

Idilesi yeNdawo	South African National Biodiversity Institute, Administrative Building, Kirstenbosch NBG, Rhodes Drive, Newlands, 7735
Idilesi yePosi	Private Bag X7, Claremont, 7735
Inombolo yefoni	(021) 799 8665
Inombolo yefeksi	(021) 762 3229
Umntu woqhagamshelwano	Mnu. Jimmy van Zyl
Idilesi ye-imeyile	J.VanZyl@sanbi.org.za

Imibuzo malunga nenkqubo ingathunyelwa apha:

Sikwalathisa kwiSikhokelo (sendlela yokusebenzisa uMthetho, ofinyezwe njenge-PAIA) esipapashwe yiKhomishini yamaLungelo oLuntu yaseMzantsi Afrika (South African Human Rights Commission).

Idilesi yePosi: The South African Human Rights Commission, Private Bag 2700, Houghton, 2041

Website: http://www.sahrc.org.za

Iirekhodi ezifumaneka kuwonke-wonke ngaphandle kokwenza isicelo ngokoMthetho		
Apha ngezantsi sidwelisa iindidi zeerekhodi ze-SANBI ezisele zifumaneka kuwonke-wonke ngaphandle kwesicelo sokufikelela ngokoMthetho, kwakunye nendawo ezikuyo:		
	Iindidi zeerekhodi	**Indawo**
1.	Iingxelo zonyaka (amaphengululo) (Annual reports (reviews))	http://www.sanbi.org/aboutsanbi.htm
2.	Ulwazi ngokubanzi nge-SANBI (General information about SANBI)	http://www.sanbi.org http://www.plantzafrica.com
3.	Ulwazi lwezenzululwazi: Iziphili zezihlumi zeAfrika eseMzantsi nezihloko ezinonxulumano (Scientific information: Flora and Fauna of Southern Africa and related topics)	http://www.sanbi.org/frames/infofram.htm
	Umcebisi ngeeNtlobontlobo zeziphili (Biodiversity Advisor)	http://biodiversityadvisor.sanbi.org/
	I-SIBIS	http://sibis.sanbi.org/
	I-iSpot	http://za.ispot.org.uk/
	I-BGIS (Biodiversity GIS)	http://bgis.sanbi.org/index.
	I-POSA	http://posa.sanbi.org/searchspp.php
	Iwonga leeNtlobo	http://www.speciesstatus.sanbi.org/
	Ingxelo yokuThoba uMhlaba (Land Degradation Report)	http://www.pcu.uct.ac.za/resources/landdeg/ frontpage. htm
	I-Plantzafrica	http://www.plantzafrica.com/
	IsiLumkiso ngoHlaselo lweziTyalo zeZizwe (Invasive Alien Plant Alert)	http://www.sanbi.org/information/infobases/invasive-al ien-plant-alert
	Uluhlu oluBomvu lweziTyalo zaseMzantsi Afrika (Red List of South Africa Plants)	http://redlist.sanbi.org/

	Imaphu yeziTyalo zaseMzantsi Afrika (Vegetation Map of South Africa)	http://bgis.sanbi.org/vegmap/map.asp
	I-SABIF	http://www.sabif.ac.za/
	Izalathisi zokusiNgqongileyo zeSebe lezokusiNgqongileyo noKhenketho (DEAT Environmental Indicators)	http://enviroindicator.deat.gov.za/cocoon/rsa db/docs/index
	I-FLAN	http://flan.sanbi.org/

Iinkonzo ezifumanekayo kumalungu oluntu

Nceda ubhekise kwiwebhusayithi ye-SANBI:
http://www.sanbi.org Umzekelo weenkonzo ezinikelwayo:

- Ukuchonga izityalo.
- Ukufikelela kwizitiya zebhotani.
- Amacebo okwazisa.

Iinkcukacha zoqhagamshelwano zabantu abafuna ukwenza ubumeli, ukuthatha inxaxheba okanye ukuphembelela ukuyilwa komgaqo-nkqubo okanye intsebenziso okanye amagunya okusebenza neemfanelo ze-South African National Biodiversity Institute (SANBI)

- The Chief Executive Officer, SANBI, Private Bag X101, Pretoria, 0001
- The Chairperson of SANBI Board, SANBI, Private Bag X101, Pretoria, 0001

Amancedo afumanekayo ngokuchasene ne-SANBI apho ufikelelo kwirekhodi lulandulwa, okanye apho i-SANBI isebenza ngekhethe okanye isophula uMthetho, okanye isilela ukuthatha inyathelo

IZICELO ENKUNDLENI

Umenzi wesicelo oviswe ubuhlungu sisigqibo seGosa loKwazisa le-SANBI ngokwala isicelo sokufikelela, okanye ngesigqibo se-SANBI ngokunxulumene nemirhumo, ngokunxulumene nokwandisa ixesha, okanye ngokunxulumene nemo yofikelelo enikiweyo, anganakho, ngendlela yesicelo, kwithuba leentsuku ezingama-30 ukwenza isicelo soncedo olufunekayo enkundleni.

Omnye umntu oviswe ubuhlungu sisigqibo seGosa loKwazisa le-SANBI sokuvumela isicelo sokufikelela, anganakho, ngendlela yesicelo, kwithuba leentsuku ezingama-30 ukwenza isicelo soncelo olufunekayo enkundleni.

Inkundla echophele isicelo inganikela nawuphi umyalelo olungileyo nonobulungisa, kuquka imiyalelo engqinayo, elungisa okanye ebekela bucala isigqibo esingumxholo wesicelo, esifuna ukuba u-SANBI athathe inyathelo elinjalo okanye ayeke ukuthatha inyathelo elinjalo njengoko inkundla ibona kufanelekile, inikela isithintelo, uncedo lwethutyana okanye olukhethekileyo, umyalelo obhengezayo okanye imbuyekezo.

ULWAPHULO-MTHETHO

Lulwaphulo-mthetho ukuba nawuphi umntu, ngenjongo yokubandeza ilungelo lokufikelela ngokoMthetho, utshabalalisa, wonakalisa okanye utshintsha irekhodi, ufihla irekhodi okanye wenza irekhodi ingabi yonyani. Ukuba umenzi wesicelo okanye omnye umntu ukrokrela ukuba igosa le-SANBI lenze naziphi zezi zenzo, angaxela ityala elinjalo elikrokrelwayo emapoliseni.

UKWENZA INGXELO KUMKHUSELI WOLUNTU

Umntu oviswe ubuhlungu sisenzo nasiphi esenziweyo okanye esingenziwanga yi-SANBI ngokoMthethu angenza ingxelo yomba onjalo kuMkhuseli woLuntu. UMkhuseli woLuntu unegunya lokuzama ukucombulula umba ngokulamla, ukuxolelanisa, ukunqophisana, ukucebisa ummangali malunga namanye amancedo afanelekileyo, okanye naziphi ezinye iindlela ezinokufaneleka kwiimeko.

Inkqubo yesicelo neerekhodi ezinokucelwa
Esinye nesinye isicelo kufuneka siqulathe iinkcukacha ezimiselwe kwimihlathi esuka kwisi-1 ukuya kwisi-7 ngezantsi, yaye kufuneka sihambelane ngokuphathekayo nefomu emiselweyo, leyo ikopi yayo inamathiselwe njengeSIHLOMELO B kule ncwadi yokufundisa.
1. Iinkcukacha ezaneleyo zeerekhodi ezifunwayo ukuze i-SANBI ikwazi ukuchonga irekhodi okanye iirekhodi eziceliweyo. Quka indawo yerekhodi ukuba iyaziwa. 2. Iinkcukacha ezaneleyo ukuze i-SANBI ikwazi ukuchonga umenzi wesicelo. 3. Uhlobo lofikelelo olufunwayo. 4. Ulwimi oluthile efunwa ngalo irekhodi echaphazelekayo. 5. Idilesi yeposi okanye inombolo yefeksi eseMzantsi Afrika, okanye idilesi ye-imeyile. 6. Ukuba, ukongeza kwimpendulo ebhaliweyo yesicelo, umenzi wesicelo ufuna ukwaziswa ngesigqibo nangeyiphi enye indlela, loo ndlela kunye neenkcukacha ezisemxholweni kufuneka ixelwe. 7. Ubungqina begunya asebenza phantsi kwalo umenzi wesicelo, ukuba ucela ufikelelo egameni lomnye umntu, kufuneka bubonelelwe.

Iinkcukacha zoqhagamshelwano zezicelo ezigcwalisiweyo

Ingqalelo: Mnu. Jimmy van Zyl
South African National Biodiversity Institute, Private Bag X7, Claremont, 0001
Ifoni: (021) 799 8665
Ifeksi: (021) 762 3229

Isicelo sokufikelela iirekhodi siya kuthathwa ngokuba senziwe lakuba iGosa loKwazisa lifumene ifomu yesicelo egcwalisiweyo.

Iirekhodi ezigcinwe yi-SANBI	
Ngezantsi simisela inkcazo yezihloko zeerekhodi ezigcinwa yi-SANBI. Iinkcukacha zikhutshwa ngokwengqiqo yoLawulo lwe-SANBI ngenjongo yokukhusela amalungelo eZiko ezengqondo nezorhwebo.	
Izihloko i-SANBI egcina iirekho zazo	**Iindidi zeerekhodi ezigciniweyo kwisihloko ngasinye**

Uphando	1. Uluhlu lwezityalo zeAfrika esemazantsi (amagama enzululwazi nezifanokuthi) 2. Ulwabiwo lwezityalo (iimaphu okanye izintlu zekota yamanqam eegridi) 3. Izilayidi nemifanekiso ye-elektroniki yezityalo 4. Iincwadi zembumba (ezenzululwazi nezinye, iikhathalogu) 5. Iirekhodi zezinto eziphilayo neendawo eziphila kuzo okanye uphando lwezebhotani
Ukulinywa komyezo	Iinkcukacha ngeentlobo zezityalo okanye iinkcukacha ezinonxulumano

Ikopi yencwadi yokufundisa ye-SANBI iyafumaneka nge-English, Afrikaans okanye isiXhosa, kwaba

- The South African Human Rights Commission (idilesi kwiphepha lesi-2)
- Iwebhusayithi ye-SANB http://www.sanbi.org (ikopi ye-English kuphela)
- Mnu. Jimmy van Zyl,
  South African National Biodiversity Institute, Private Bag X7, Claremont, 7735
  @ iisenti ezingamashumi amathandathu ngephepha ngalinye le-A4

Ikopi yencwadi yokufundisa ye-SANBI iyafumaneka ngeenjongo zokuhlola yaye ipapashwe nge-English, Afrikaans nesiXhosa

Umntu woqhagamshelwano: Mnu. Jimmy van Zyl
Ifoni: (021) 799 8665
South African National Biodiversity Institute
Administrative Building, Kirstenbosch NBG, Rhodes Drive, Newlands, 7735